

Itshokholethi kajeb

Ibhalwe nguLesley Beake | Imizobo nguTamsin Hinrichsen



UJeb wayemtsha kuloo ndawo. Wayengenabahlobo.
Wayelilolo.

Wayehamba elusizi, ekhaba amatye. Wayenetshokholethi
epokothweni yakhe, kodwa yayingamncedi nganto.
Wasala eselusizi. Wayenetshokholethi, kodwa
wayengenabahlobo.


UJeb waphantsa wagila intombazanana. Yayilila.

“E-e-h... Ndingakunceda?”

‘Hayi.’

UJeb wacinga okomzuzwana. Ungayithanda itshokholethi?

Intombazanana yancuma. “Enkosi.”



UJeb nentombazanana bahamba kune. Baphantsa ukugaxeleta kumlo! Amakhwenkwe amabini ayesilwa.

UJeb wacinga umzuzwana. Ningayithanda itshokholethi?

Amakhwenkwe ayeka ukulwa. “Ewe!”

UJeb nentombazanana namakhwenkwe amabini baqhubeka bahamba. Baphantsa ukugaxeleta kwinenekazi elihamba nenja.

Inja yoyika kakhulu isakubona uJeb nentombazanana namakhwenkwe amabini, kangangokuba yabaleka.

Kwathatha ixesha elide ukuyibamba. Inenekazi lalishushu kakhulu kwaye licaphuka.



“Ungayithanda itshokholethi?”

Inenekazi lancuma. “Ewe! Ndiyabulela!”

UJeb walinika iqhezu lokugqibela letshokholethi. Wayengenayo yena itshokholethi.

Kodwa abahlobo bona wayenabo!



Itshokholethi kajeb

Ibhalwe nguLesley Beake • Imizobo nguTamsin Hinrichsen



Izimvo eninokuthetha ngazo

Uthe akwabelana ngetshokoledi yakhe nabanye uJeb, baba ngabahlobo bakhe. Yeyiphi enye indlela ongabe ubenze ngayo abahlobo abatsha? Buthetha ntoni kuwe ubuhlobo?
Yintoni eyenzaabantu bazive bengamalolo? Ingaba wake waziva ulilolo?



Umfanekiso

Zoba umfanekiso wakho uziva ulilolo.



Ukufunda


Yiya kwiphetshana lemisetyenzana apha: <https://nalibali.org/story-supplies/activity-sheets>

Bhala inani kwibhokisi nganye ukuze ubeke imifanekiso ngokulandeelana.
Fumana umbhalo ohambelana nomfanekiso ngamnye ebalini.




Ukubhala

Bhalela iletu yombulelo umntu owenze umahluko ebomini bakho ngokuba nobubele kuwe.



Ubuchule

Sebenzisa ipleyiti yephepha okanye usike isangqa sekhadibhodi. Kwicala elinye zoba ubuso "bokuziva ulilolo" kwaye kwelinye icala, zoba ubuso "bokuziva wonwabile".



Ukwenza

Sebenzisa imifanekiso enonjolwe ngokuchanekileyo ukulibalisa kwakhona ibali.